**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI OLONGEZELELWEYO**
**INQANABA ELIPHANTSI**
**(Iphepha Lesithathu)**

**IXESHA: 2 iiyure**
**AMANQAKU: 80**

---

**IMIYALELO**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B no C.
- Khetha umbuzo ube mnye kwicandelo ngalinye.
- Phendula imibuzo ngokwemiyalelo kwicandelo ngalinye.


---

## ICANDELO A

Kweli candelo uphendula umbuzo ube MNYE.
Bhala isincoko sakho sigcwale amaphepha amabini (amagama angama 250 – 300).
Nika isihloko esifanelekileyo kwisincoko osikhethileyo.

**UMBUZO 1**

1.1 Ndilubonile uthando kunozala nabantwana bakhe, ndalubona kwizalamani nezihlobo, ndalubona kurhulumente wesininzi lwagqibelela olwezithandani. Khawuchaze ukuba yintoni na uthando yaye luthetha ntoni kuwe.




**OKANYE**


1.2 Iziyobisi zingunobangela wobundlobongela osele bususe imiphemfumlo engenatyala, ingakumbi abantwana abangakwaziyo ukuzilwela. Uyavumelana na nale mbono? Dandalazisa inyaniso ngalo mba.



1.3 Ukhulile ungaka uyinzwakazi okanye inzwana ephumelelayo ebomini. Khawubuyele emva ubuphicothe ubomi bakho uchaze amahlandinyuka obomi nempumelelo yakho kuba namhlanje ipokotho iqumbile.

**OKANYE**

1.4 Wawukho kule ndawo singekho. Khawusibalisele.



**OKANYE**

1.5 Ulwaluko kwaXhosa lubonisa uphawu londiliseko, ukukhula nokuziphatha kakuhle xa ubani engene kwinqanaba lobudoda. Khawucacise uchaze ngalo mcimbi uvelele zonke iinkalo, ubonise ubuhle nobubi bolwaluko.

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B

Kweli candelo uphendule umbuzo ube MNYE.

Bhala iphepha elinye eligcweleyo (Amagama ali 120 – 150)


**UMBUZO 2**

2.1 Ugulile, wongiwa kodwa noko kunjalo luye lwavalwa ucango wehliswa umkhusane, walala ubuthongo baphakade, Bhala ubomi bomfi ngokumazi kwakho njengoko benikhula kunye.



**OKANYE**

2.2 Zingqubene zatshayisana okweenkunzi zikaMinosi iimoto ezimbini zalo nyaka kwadaleka intlekele emasikizi. Bhala inqaku lendaba eliza kukhutshwa kwiphephandaba i "Imvo".



**OKANYE**

2.3 Ubungenele ukhuphiswano apho ibhaso lophumeleleyo lingama R20 000. Uphumelele. Bhalela abazali bakho ubaxelele ngezi ndaba zimnandi kangaka. Bathele thsuphe ngoza kukwenza ngale mali.

**AMANQAKU ECANDELO B: [20]**

## ICANDELO C

Kweli candelo uphendula umbuzo ube MNYE.

Bhala iphepha elinye eligcweleyo (Amagama ali 120 – 150)

### UMBUZO 3

3.1 Bhala isibhengezo apho uthengisa indlu yala maxesha. Thetha nathi bathengi usenze sifune ukuyithenga. Sinike zonke iinkcukucha ngeli pomakazi.

**OKANYE**

3.2 Beniphumile nomhlobo wakho naya kutya kumzi othengisa ukutya, eNandos okanye eMaxis. Khawuncome ugxeka ngalo mzi nokutya.

**OKANYE**

3.3 Thumelani imemorandam kwinqununu yesikolo apho nimazisa ngokuphazamiseka ezifundweni ngenxa yokusetyenziswa kweziyobisi nokudlwengulwa kwabantwana esikolweni. Yizani neengcebiso kuliwe nomkhuba.

**AMANQAKU ECANDELO C: [20]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHELO**